**basic education**

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

**UVAVANYO LONYAKA NONYAKA KUZWELONKE 2015**
**ISIKHOKELO SOHLOLO**
**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA**
**IBANGA LESI-2**

## INTSHAYELELO

Umjikelo wonyaka wama-2015 woHlolo loNyaka nonyaka kuZwelonke (ANA 2015) uza kunikezelwa uze ubhalwe kuzo zonke izikolo zikawonke-wonke nezo zizimeleyo zichongiweyo[1] ngoSeptemba 2015. Ngeli xesha bonke abafundi bebanga loku-1 ukuya kwibanga lesi-3 baza kubhala uvavanyo lukaZwelonke loLwimi neMathematika (Izibalo). Iziphumo ziya kusetyenziswa ukunika ingxelo malunga nenkqubela enxulumene nokuphunyezwa kweenjongo ebezisekwe kwisicwangciso sokusebenza sama-2015, esibhekiselele kwimfundo yama-2025 *(Action Plan 2015 Towards Schooling 2025).*

Iimvavanyo zoHlolo zoNyaka nonyaka kuZwelonke (ANA) ziza kubhalwa kwikota yesithathu, ngoko ke iSebe leMfundo esisiSeko (DBE) lenze amaxwebhu asisiKhokelo soHlolo sebanga nesifundo ngasinye (uLwimi neMathematika) acacisa umxholo wekharityhulam ekulindeleke ukuba ube ufundiwe ngabafundi phambi kokuba babhale uvavanyo. Izikhokelo zoHlolo zicacisa umyinge womsebenzi ekufanele ukuba ugqityiwe kuvavanyo kwibanga ngalinye nesifundo ngasinye. IsiKhokelo soHlolo seeMvavanyo zoNyaka kuZwelonke 2015 (ANA) silungiselelwe ukuba sihambelane nekharityhulam esetyenziswa kwesi sigaba.

## ISIGABA ESISISEKO

Kwibanga loku-1 ukuya kwele-3, iimvavanyo ziya kubuzwa kumsebenzi omiselwe ukwenziwa kwiikota ezintathu zokuqala zonyaka. Izikhokelo zoHlolo zigcwangciswe ngokweekholam ezintathu: Izakhono kwikholam yokuqala, umxholo oHlolwayo kwikholam yesibini nesona sakhono siza kuhlolwa kwikholam yesithathu.

Kubalulekile ukuqaphela ukuba isiKhokelo soHlolo seeMvavanyo zoNyaka nonyaka kuZwelonke 2015 (ANA 2015) asithethi kuthi lo myinge uncitshisiweyo ukukuphela kwekharityhulam ekufanele ukuba ifundwe nemayifundiswe ngonyaka. Endaweni yoko iziKhokelo zoHlolo zinika umlinganiselo omncinane weemfuneko zekharityhulam ekufanele ukuba ugqityiwe ekupheleni kwekota yesithathu esikolweni.

Kulindeleke ukuba ootitshala basebenzise ezi ziKhokelo zoHlolo kunye nezinye izixhobo xa befundisa naxa besebenzisa iinkqubo zokuhlola ukuze abafundi baqhelane neendlela ngeendlela zohlolo.

Izikolo ezizimeleyo "ezichongiweyo" ziza kucela imvume zize zibhalise mhlawumbi abantwana bazo beBanga lesi-3 okanye beBanga lesi-6 ukuze babhale uHlolo loNyaka nonyaka lukaZwelonke (ANA) ngenjongo zokuzuza inkxaso-mali kaRhulumente

| IZAKHONO | UMXHOLO OHLOLWAYO<br><br>Kuvavanywa ukuba umfundi uyakwazi uku… | IZAKHONO EZINGUNDOQO EMAZIHLOLWE |
|---|---|---|
| UKUFUNDA NEZANDI | qaphela amaqabane angoonombini ezisemva kwsikhamiso(Term 1) | Sebenzisa umfanekiso ukwazi isandi |
| | qaphela amaqabane angoonombini. | Bhala igama lomfanekiso. |
| | qaphela izandi ezingoonombini ezisemva kwsikhamiso(Term 1)Umz. nd, ph, sh | Khetha izandi ezichanekileyo kwezo uzinikiweyo. |
| | chonga iinkcukacha ezingundoqo kwingongoma ephambili kuloo nto ifundiweyo. | Nika isihloko esisiso sebali. |
| | chonga iinkcukacha ezingundoqo kokufundiweyo ngomnye wabalinganiswa abaphambili. | Khetha impendulo echanekileyo kwisicatshulwa osinikiweyo. |
| | chonga iinkcukacha ezingundoqo ngokufundiweyo ngesimo sentlalo. | Gqibezela isivakalisi. |
| | chonga ulandelelwano lweziganeko ebalini. | Phawula ngamanani ukulandelelanisa izivakalisi zebali ngokuchanekileyo. |
| | funda isicatshulwa uze uxoxe ngonobangela wobuhlobo. | Khetha impendulo echanekileyo ukubonisa ulwazi ngonobangela nobuhlobo. |
| | phendula imibuzo ekwinqanaba eliphezulu ngokwesicatshulwa esifundiweyo. | Khetha impendulo echanekileyo ukubonisa ulwazi ngesiphelo sebali. |
| | chaza ukuba ulithandile okanye akalithandanga ibali azathuze. | Chaza ukuba uyalithanda okanye awulithandi ibali unike isizathu."Ndalithanda ibali ngokuba ..." |
| | chonga izithethantonye. | Khetha impendulo echanekileyo. (izithethantonye) |
| | chonga izichasi. | Nika impendulo echanekileyo.(izichasi) |
| | tolika ulwazi olukwitheyibhile. | Sebenzisa ulwazi olukwitheyibhile. (umz. ikhalenda okanye igrafu) ukuphendula umbuzo. |

| UKUBHALA | sebenzisa izimelabizo ngokuchanelekileyo | Bhala impendulo echanekileyo ukubonisa ulwazi ngezimelabizo. |
|---|---|---|
| | sebenzisa ixesha elidlulileyo ngokuchanelekileyo. | Bhala kwakhona isivakalisi osinikiweyo kwixesha elidlulileyo uqale ngegama Izolo ... |
| | sebenzisa ixesha elizayo ngokuchanelekileyo. | Bhala kwakhona isivakalisi osinikiweyo kwixesha elizayo uqale ngegama Ngomso … |
| | sebenzisa iimpawu zokubhala ngokuchanelekileyo. (oonobumba abakhulu, isingxi nophawu lombuzo) | Bhala kwakhona izivakalisi ezibini usebenzisa iimpawu zokubhala ezifanelekileyo. |
| | .sebenzisa izibizo ngokuchanelekileyo. | Bhala isibizo esichanekileyo. |
| | bhala izivakalisi ezilula ngomfanekiso owunikiweyo. | Bhala ibali ngomhlathi omnye onezivakalisi ezi-5 ukuya kwezi-8 ubuncinane. |

- **Amanqaku ombuzo we- 16 afumaneka ngale ndlela:**
  **Amanqaku omxholo + amanqaku egrama/eempawu zokubhala = Amanqaku a-5.**
  **Iimpazamo zopelo mazingahoywa.**

| IRUBHRIKI YOMBUZO 16 | | |
|---|---|---|
| INDLELA EKUHLOLWA NGAYO | INKCAZELO | AMANQAKU |
| Umxholo | Akazamanga konke/ukhuphele imiyalelo/igama elinye, ibinzana okanye inxalenye yesivakalisi. Ubhale isivakalisi esinye esingahambelaniyo nomfanekiso. | 0 |
| (3 Amanqaku) | Ubhale izivakalisi ezibini nangaphezulu ezingahambelaniyo nomfanekiso/ubhale isivakalisi esinye esihambelana nomxholo | 1 |
| | Ubhale izivakalisi ezi - 2 ukuya kwezi – 4 ezihambelana nomxholo. | 2 |
| | Ubhale izivakalisi ezi 5–8 ezihambelana nomxholo. | 3 |
| Igrama, iimpawu zobhalo | Iimpazamo zegrama kunye neempawu zokubhala ezili-10 nangaphezulu | 0 |
| | Iimpazamo ezi 4 - 9 zegrama kunye nezeempawu zokubhala. | 1 |
| (2 amanqaku) | Ayikho okanye zi– 3 iimpazamo zegrama kunye nezeempawu zokubhala. | 2 |